# Ulwazi olutsha kubaXhamli beTrasti yeThusano abakhethe ukuthengisa izabelo zabo

**Kuluvuyo ukunazisa ukuba intengiso yezabelo zenu zeGold Fields neSibanye-Stillwater igqityiwe, kugcinwe ukhetho enilwenzileyo ngexa lenkqubo yokhetho.**

**Abarhwebi baqale ukuthengisa izabelo emva komhla wokufumaneka kwazo wowe-1 Disemba 2025, benabisela intengiso kwiiveki ezimalunga nezintandathu. Ixabiso lentengiso liye lohluka usuku nosuku, kwaye njengokuba ke ngoku igqityiwe intengiso, sinexabiso lentengiso lokugqibela, neliphakathi ngesabelo elo abaxhamli banokulisebezisa ukubala iintlawulo zabo phambi kokutsalwa kwerhafu kunye nemali ehlawulwayo.**

| Ixabiso eliphakathi lokugqibela elo zithengiswa ngalo izabelo: | |
|---|---|
| Gold Fields | Sibanye-Stillwater |
| R739.09 | R56.25 |

Ungajonga isiteyitimenti sakho sezabelo kwiprofayile yakho ye-JIS ku *https://www.investecss.co.za/thusano/account/logon* okanye utsalele umnxeba iZiko leMinxeba le-JIS (086 125 5525 / 086 143 3659) okanye utyelele iofisi yakho ekufutshane yakwaTeba uyokubona ukuba kuthetha ntoni oku kwintlawulo yakho.

Sazise kananjalo ijelo leWhatsApp apho ungacela ulwazi kwiTrasti yeThusano. Inombolo yale nkonzo yile:Okanye, ungazenzela ngokwakho inxenye yolu balo xa usazi ukuba beluyintoni ulwabiwo lwakho lwesabelo:

| | Ixabiso lokugqibela lezabelo | | Inani lezabelo owabelwe zona | | Ixabiso elilndelekileyo phambi kokutsalwa kwerhafu nemali ehlawulwayo |
|---|---|---|---|---|---|
| Gold Fields | R739.09 | X | | = | |
| Sibanye-Stillwater | R56.25 | X | | = | |

## OKUBALULEKILEYO

**Ukuba ungena kwiprofayili yakho yenkqubo ye-IJIS / uqhagamshelana neziko leminxeba ukubona isiteyitimenti sakho, uza kuqaphela izinto ezimbini:**

## EYOKUQALA:

Kukuba inkqubo inokuba ikwenzele ngokwayo ubalo olungasentla, kwaye yatsala ngokunjalo nemali ehlawulelwa ulawulo ebandakanyekayo ebesibhekisela kuyo. Esi sixa sibonisiweyo siza kuba sisixa sakho esiphambi kokutsalwa kwerhafu.

## EYESIBINI:

Inkqubo ibhekiseka kwisixa esitsalwe irhafu yama-45%. **Nceda uqaphele:** ngaphandle kokuba ukweyona brakethi yerhafu iphezulu, le ayiyopesenti eza kutsalelwa yona irhafu intlawulo yakho. Sisalinde uqinisekiso oluvela kwiNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika (South African Revenue Services) (SARS) malunga nerhafu yomntu engayedwa eza kusebenza kumntu ngamnye. Xa sele ifumaneka le, isiteyitimenti sakho sezabelo siza kuhlaziywa ngokufanelekileyo.